

Makunqulwe UMdali



Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:

Nd. 115:1–8, Dut. 10:17–22, Nd. 101:1, Isa. 1:10–17, Isaya 58, Marko 12:38–40.

Indima Yenkumbulo:

“Ukuzila endikunyulileyo asikoku na: ukucombulula iziqamangelo zokungendawo, ukukhulula izitropu zeedyokhwe, ukundulula abavikivekileyo bekhululekile, naphule zonke iidyokhwe? Asikoku na: ubangenise endlwini abaziintsizana, abatshutshiswayo? Xa uthe wabona ohamba ze, umambese, ungazifihli kwinyama yakho?” (*Isaya 58:6, 7*).

Ukufunda nje ngokungxama kubabonisa abaprofeti beTestamente eNdala besivusa ukuba sibone ukukhathazeka kwabo ngempatho-mpi yamahlwempu nabacinezelweyo. Abaprofeti kunye noThixo ababethethela Yena babekhukile yinto ababeyibona isenziwa kuzo zonke izizwe ezazibangqongile (jonga, umzekelo, uAmos 1 nesi-2). Kanti ke babe nengqondo eyodwa yomsindo nosizi zizenzo zobugwenxa obenziwa ngabantu bakaThixo ngokwabo, bona aba babefumene iintsikelelo zezulu ezininzi kangaka. Xa kujongwa imbali yabo, nemithetho eyayinikwe nguThixo wabo, aba bantu babemelwe kukuba bazi ngcono. Ngelishwa, kwakungasoloko kunjalo, kwaza kwakuninzi ekufuneka kuthethwe ngabaprofeti ngale meko ilusizi yokwenzekayo. Kukwanika umdla nako ukufumanisa ukuba, ezo ntetho zininzi zaziwayo ezingobulungisa nentswelo–bulungisa ezivela kubaprofeti beTestamente eNdala zanikwa nakanye kwimeko yemiyalelo engonqulo. Njengoko siza kubona, unqulo lwenene alunto nje eyenzeka ngexesha lenkonzo yonqulo. Unqulo oluyinyaniso lungokuphila ubomi bokwabelana ngokukhathala kukaThixo ngokuhlala kakuhle kwabanye nokufuna ukuphakamisa abo baxinzelelwe phantsi balityalwa.

**Funda isifundo sale veiki ukulungiselela iSabatha ka-Agasti 10.*

Unqulo Lwezithixo Nengcinezelo

Kanye nje emva kokuba uThixo ebakhokele abantu bakwaIsrayeli baphuma eYiputa, wahlangana nabo eSinayi, ebanika imiThetho eliShumi ibhaliwe, iquka emibini yokuqala engokunganqulwa kwabanye oothixo nokungenzi imifanekiso yezithixo (jonga uEks. 20:2–6). Ukusabela, abantu bathembisa ukwenza yonke into ababeyialelwe nokuphila njengabantu baKhe (jonga uEks. 24:1–13). Emva koko kwenzeka ukuba uMoses angabikho kangangeeveki ezintandathu baqala abantu ukumangala ukuba kwenzeka ntoni kuye. Ngenxa yokuxinzelelwa sisihlwele, uAron wenza ithole legolide wabakhokelela abantu ekwenzeni imibingelelo phambi kwalo, ekwathi emva koko, “bahlala phantsi abantu, badla basela, besuka bema, badlala” (Eks. 32:6). Bobabini uThixo noMoses bakhubeka yindlela abantu abakhawuleza bamshiya uThixo baya ekunquleni isithixo-kwaza kwabonakala ukuba kwaba kukungenelela kukaMoses kuphela okwamsindisayo uIsrayeli kwisohlwayo esasibafanele (jonga uEks. 32:30–34). Unqulo lwezithixo, phofu, kwakusisihendo abantu bakaThixo abawa rhoqo kuso. Imbali yookumkani bakwaIsrayeli nakwaYuda igqabazwe ngamaxesha onqulo lwezithixo, ahlangene nezenzo ezikhubekisayo zabanye bokumkani abakhokelela abantu babo elunqulweni lwaba thixo. Ukungathembeki okunjalo kwakusoloko kuyinto abayijongayo abaprofeti awayebathuma uThixo ukuba bababuyisele kuYe abantu. Kwakukwakholisa ukuthi, phakathi kobizo lwemvuselelo nohlaziyo, kubekho ubizo lokuphathwa kakuhle kwamahlwempu, abasweleyo, nabangenako ukuzinceda ababephakathi kwabo.

Funda: Ndumiso 115:1–8. Ithini eyona nto ibalulekileyo ethethwa ngumbhali apha?

Yinto eqhelekileyo ebantwini eyokuba sifane nento okanye umntu esimnqulayo nesijonga kuye. Ngoko ke, kwaba yimvelo nje ukuba ukukhathalela abanye nobulungisa kusuke kuhle xa abantu bakaThixo besukile ekumnquleni uThixo wobulungisa baya ekunquleni oothixo beentlanga ezibangqongileyo, ababekholisa ukufaniswa nabantu bemfazwe okanye benzala. Xa babekhetha abanye oothixo, abantu bayitshintsha kwizinto ezininzi ingqondo yabo, kuquka nendlela abaphatha ngayo abanye. Ukuba babeye bathembeka kuYehova, ngebaba nenkathalo yaKhe ngabo banentswelo phakathi kwabo.

Gxila kule ngcamango yokufana nento esiyinqulayo. Sikubona kunjani ukubonakalaliswa kwalo mthetho-siseko kweli xesha lethu?

Isizathu Sokunqula

Kuyo yonke iBhayibhile, abantu bakaThixo bakhuthazwa ukuba banqule uThixo, kodwa nathi sinikwa qho izizathu zokwenza oko. Siyaxelelwa ukuba simnqule uThixo kuba inguYe, ngoko akwenzileyo, nangenxa yeempawu zaKhe ezininzi anazo. Phakathi kwezi kukulunga kwaKe, ubulungisa, kwanenceba. Xa sikhunjujwa ukuba unjani uThixo, iyintoni asenzele yona (ngakumbi emnqamlezweni kaKristu), noko athembise ukukwenza, akukho noyedwa kuthi ofanele ukungabi naso isizathu sokumnqula nokumdumisa uThixo.

Funda: Duteronomi 10:17–22, Ndumiso 101:1, 146:5–10, Isaya 5:16, 61:11. Ziintoni ezikhuthaza unqulo nokudumisa uThixo ezinikwe kwezi ndima?

Izizathu ezinjalo zonqulo zazingezitsha kubantu bakaThixo. Amanye amaxesha elwaluvutha unqulo kulSrayeli owayesanda kukhululwa ayekukusabela kungenelelo olucacileyo lukaThixo ngenxa yabo. Umzekelo, emva kokuba bekhutshwe eYiputa nokucanda uLwandle oluBomvu, uMoses noMiriya babakhokela abantu ekuvumeni indumiso kuThixo ngoko babesanda ukukubona nabahlangulwa kuko (jonga uEksodus 15). Ubulungisa nenceba kaThixo, njengoko zavezwa kwiziganeko ezinjalo, kwakungafuneki zilibaleke. Njengoko abantu bawagcina ematsha la mabali ngokuwabalisa rhoqo, izenzo nobulungisa bukaThixo baqhubeka buyinkuthazo yonqulo lwabo kwayiminyaka emva koko nakwizizukulwana ezilandelayo. Umzekelo woku kubaliswa rhoqo nonqulo kubhalwe kuDuteronomi 10:17–22.

Ubulungisa bukaThixo, kuqala, bungokuba ungubani, isiqalo esiphambili kwindalo ayiyo. “Hayi bo, uThixo anayeniinohlaklo; uSomandla akabugqwethi ubulungisa” (Yobi 34:12, IBHAYIBHILE). UThixo ulungile waye uyakhathala ngobulungisa-kwaye eso sisizathu sokumnqula nokumdumisa. Okwesibini, ubulungisa bukaThixo bubonakala ekulungeni nakwizenzo zaKhe ngenxa yabantu baKhe nangenxa yabo bonke abangamahlwempu nabacinezelweyo. Ubulungisa baKhe abuyiyo inkcazo nje yento ayiyo. Endaweni yoko, iBhayibhile izoba uThixo “[osivayo] isikhalo sabasweleyo” (Yobi 34:28, IBHAYIBHILE) abe nento ayenzayo. Kanti ke unga angabulungisa ubugwenxa obubonakala bubuninzi kwihlabathi lethu.

Ukuba uIsrayeli wakudala wayenaso isizathu sokudumisa uYehova, sinokubeka phi thina, emva koMnqamlezo, ukuba nezizathu zokumdumisa?

Abacinezeli Abakhonzayo

Ngamaxesha amahle obukumkani bakwaIsrayeli nobakwaYuda, abantu babesa kubuyela etempileni banqule uThixo, naxa nangoko, unqulo lwabo lwalukholisa ukuxutywa nokungenelela konqulo loothixo nenkolo yeentlanga ezibajikelezileyo. Phofu, ngokwabaprofeti nawona malinge abo aphucukileyo enkolo ayenganelanga ukubabuyisa kububi obabuqhubeka elizweni ebomini babo bemihla ngemihla. Nokuba babengade bazame kangakanani ukuba “ngcwele” ngeenkonzo zonqulo lwabo, ubumnandi beengoma zabo babungakwazi ukuzigqumelela izandi zezikhalo zamahlwempu nabacinezelayo. UAmos wabachaza abantu bemihla yakhe njengabo “[bawa]cinezelayo amahlwempu, [bazama ukuzicim’ igama iindwayi” (Amos 8:4, IBHAYIBHILE). Wayekubona ukufuna kwabo ukugqiba msinyane ukunqula bazokuvula imalike, babuyele kushishino olunganyanisekanga “[lokuthenga] izisweli ngesilivere, namahlwempu ngeembadada ezimbini” (Amos 8:6).

Funda: Isaya 1:10–17, Amos 5:21–24, noMika 6:6–8. Yintoni uYehova awayeyixelela aba bantu benkolo ngeenkonzo zabo?

Ngabaprofeti baKhe, uThixo usebenzisa ulwimi oluqatha ukugxeka inkolo nonqulo olungahlangene nolukwachasene nokubulaleka nokucinezela kwabo babangqongileyo. KuAmos 5:21–24, sifunda ngoThixo othi “ukuthiyile “uyakucekisa” nokuba uyacaphuka lunqulo lwabo. Imihlangano yabo ichazwa ngokuthi “ilivumba elibi,” kwaye iminikelo yabo nomculo wabo ayamkeleki njengento engenaxabiso. KuMika 6, sibona udederhu lweengcebiso ezandisiweyo, neziphoxayo, zeendlela ababezama ngazo ukunqula uThixo. Umprofeti unika ngendlela enempoxo icebiso leminikelo enyukayo, ngokuthi awunyuse umnikelo uye [ku]mawaka eenkunzi zezimvu, ngamawaka alishumi emilambo yeoli” (Mika 6:7) ngaphambi kokuba aye kweyona nto imbi-ingeyonto ingaziwayo- elicebiso elibaxekileyo lokubingelela ngomntwana olizibulo khon’ ukuze bamkeleke baxolelwe nguThixo. Ekugqibeleni, phofu, eyona nto uYehova awayeyifuna kubo yile, ukuba “wenze okusesikweni, uthande inceba, uhambe noThixo wakho ngokuthozamileyo” (Mika 6:8).

Ingaba wakha wazifumana unetyala lokukhathala kakhulu ziinkqubo zenkolo neenkonzo kunokuba ukhathale kukunceda abo basweleyo bakungqongileyo? Wafunda ntoni kuloo mava?

Indlela Yokunqula

Ekuchazeni kwabo ngolwalamano phakathi konqulo nobulungisa, kukho elinye inyathelo elikhuthazwa ngabaprofeti: elokuba inkathalo esebenzayo yokunceda amahlwempu nabacinezelweyo kwakunye nokunceda abasweleyo kuyenye indawo ebalulekileyo ekunquleni. UIsaya 58 usisahluko esilwenza lucace olu qhagamshelwano.

Funda: Isaya 58. Yintoni eye yaphum' ecaleni kulwalamano phakathi kukaThixo nabantu baKhe njengoko kuchazwa kwindawo yokuqala kwesi sahluko?

Njengoko sibonile ngaphambili, esi sigxeko sibhekiswa kubantu abayenzayo inkolo. Babonakala bemfuna ngokwenyaniso uThixo, kodwa kubonakala kungasebenzi oko. Ngoko ke, uThixo ubaxelela ukuba bamele bazame ukuyiguqula indlela abanqula ngayo, bazame indlela eyahlukileyo yokumkhonza. Ukuba ebeya kukhetha indlela abanokukhonza ngayo ibiya kuba “kukukhulula amatyathanga entswelo-bulungisa nokwaphula izitrophu, nokukhulula abacinezelweyo nokwaphula zonke iidyokhwe” (Isa. 58:6, NIV). Bebeya kubondla abalambileyo, banike indawo ekhululekileyo kwabangenawo amakhaya, bancede abasweleyo.

Izenzo ezinjalo azibekwa njengendlela ekuphela kwayo yokunqula, kodwa uThixo uyabakhuthaza njengendlela yokunqula-nohlobo lokunqula olunokukhethaka kwezinye iindlela eziqhelekileyo ezenziwa ngabantu abakhonzayo. Kangangokuba, unqulo alujonganga ngaphakathi kuphela kodwa nakwinto ezisa intsikelelo kubo bonke abajikeleze abamnqula uThixo. “Injongo eyinene yenkolo kukukhulula abantu kwimithwalo yabo yesono, ukuphelisa ukunganyamezelani nengcinezelo, nokukhuthaza ubulungisa, inkululeko, noxolo.”—*The SDA Bible Commentary*, vol. 4, p. 306.

KuIsaya 58:8–12, uThixo uthembisa intsikelelo kolu hlobo lokunqula. Kakuhle, uThixo uthi, xa abantu bebenokujonga kancinane noko kwiziqu zabo, bebengamfumana uThixo esebenza nabo nangabo ukuzisa impiliso nokubuyiselwa [ebantwini]. Okunika umdla, esi sahluko naso sihlanganisa olu hlobo lonqulo nokuhlaziywa kokugcinwa kweSabatha okuzaliswe “luvuyo.” Sesikhe sawaqwalasela amanye amakhonkco omeleleyo phakathi kweSabatha nolungiselelo, kodwa ezi ndima ziquka zozibini ezi zenzo koku kubizwa kwabantu ukuba bafumane intsikelelo kaThixo. Ethetha ngezi ndima, uEllen G. White wathi, “Phezu kwabo bagcina iSabatha kaYehova kubekwe umthwalo wokwenza umsebenzi wenceba nesisa.”—*Welfare Ministry*, p. 121.

Iceba Nokuthembeka

Xa uYesu wayejongene nezinye iinkokeli zenkolo zemihla yaKhe ezazimgxeka ngokutya “naboni,” wacaphula umprofeti uHoseya, ezixelela ukuba zibuyele kwiincwadi zabo zifumane oko uThixo wathetha kona ngenene xa wayesithi, “Ndithanda inceba, andithandi mbingelelo” (Mat. 9:13, ecaphula kuHos. 6:6). Njengoko siza kubona, uYesu wayephila ubomi ekhathalela esebenzela [abantu]. Ukuhlangana nabanye, imimangaliso yokuphilisa, neminye imizekeliso awayibonisayo ekhuthaza ubomi obuphilwa ngolo hlobo yayiyeyona ndlela yayilungile ukubonisa ukuzinikela kwenyaniso kuThixo. Iinkokeli zenkolo zazingabona bagxeki bakhulu baKhe kodwa nazo zazingamaxhoba okona kugxeka kubukhali kwaKhe. Njengabantu benkolo bemihla kalsaya, babekholelwa ukuba babebuqinisekisile ubudlelane noThixo ngenxa yezenzo zabo zenkolo, lo gama kwangelo xesha linye babe xhaphaza amahlwempu bengabahoyi abanentswelo. Unqulo lwabo lwalungekho mgceni nezenzo zabo, waza uYesu akanqaba nokubugxeka kwaKhe ubuhanahanisi obunjalo.

Funda: Marko 12:38–40. Ingaba intetho kaYesu yokuba “bazidla bazigqibe izindlu zabahlolokazi” ayingeni ndawo kolu luhlu, okanye ingaba linqaku eli uYesu azama ukulixela? Ungayichaza njani into yokuba aba baya kulwamkela ugwebo olugqithisileyo?”

Mhlawumbi eyona ntshumayelo kaYesu eyoyikisayo-ngakumbi kubantu benkolo-yefunyanwa kuMateyu 23. UYesu akazange achaze nje kuphela ukuba inkolo yabo ayibancedi abantu abakwimo embi ebomini, wayibona inkolo enjalo njengeyongeza imithwalo yabo bantu. Ngezenzo zabo okanye maxa wambi ukungenzi nto nokungakhathaleli, uYesu wathi, “nibuvala ubukumkani bamazulu phambi kwabantu” (Mat. 23:13). Ephinda amazwi abaprofeti beenkulungwane zangaphambili uYesu wawuvala ngokuthe ngqo umsantsa phakathi kwezenzo zabo zokuzimisela nentswelo-bulungisa ababeyithethelela kuba bezuza ngayo. “Yeha, nina bafundisi bomthetho, baFarisi, bahanahanisindini! Ninikela izishumi zetyeleba nedile nekumin, kanti ke nityeshele ezona ndawo zibaluleke kakhulu zomthetho-ubulungisa, inceba, nokuthembeka” (Mat. 23:23, NIV). UYesu wakhawuleza ukongeza ukuba izezo zenkolo nokugcinwayo akukho gwenxa kona, kodwa kufuneka kungathabathi indawo yokuphatha kakuhle abanye.

Singakuphepha njani ukungena emgibeni wokucinga ukuthi, ukuba nayo nokuyazi inyaniso kwanele?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, “Isaya 58—A Divine Prescription,” pp. 29–34, in *Welfare Ministry*; “Inkathazo KubaFarisi,” amaph. 610–620, ku-*Ulangazelelo Lwamaphakade*. Ngoku kukhuthaza ngexabiso lokoyika uThixo okuphathekayo, umprofeti wayephinda kuphela icebiso elanikwa ulsrayeli kwiinkulungwane ezadlulayo. . . . Ukusuka kwisizukulwana ukuya kwesinye, iziyalo zaphindwa ngabakhonzi bakaYehova kwabo babesengozini yokuwela kwimikhwa yokwenza isiqhelo nokulibala ukubonisa inceba.”—Ellen G. White, *Abaprofeti Nookumkani*, amaph. 326, 327. “Ndiyalelwe ukuba ndikhombise abantu bethu kwisahluko sama-58 kaIsaya. Fundani esi sahluko ngocoselelo niluqonde uhlobo lolungiselelo oluya kuzisa ubomi emabandleni. Umsebenzi wegospile uza kuthwalwa ngeemali zokupha ngesisa kwethu kwakunye nokusebenza kwethu. Xa nihlangana nemiphefumlo esentlungwini edinga uncedo, banikeni. Xa nifumana abo balambileyo, bondleni. Ngokwenza oku niya kuba nisebenza emgceni wolungiselelo lukaKristu. Umsebenzi ongcewele weNkosi yayingumsebenzi wobubele. Abantu bethu kuyo yonke indawo mabakhuthazwe ukuba babe nenxaxheba kuwo.”—Ellen G. White, *Welfare Ministry*, p. 29.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Ingaba wakha wacinga ngokwenza ubulungisa nokuthanda inceba njengezenzo zokunqula? Kungayiguqula njani oku indlela onokukwela ngayo ukukhathalela abanye? Kungayiguqula njani indlela onokuvelela ngayo ukunqula?
2. Singakulumkela njani ukutyeshela ezona ndawo zinzima zomthetho” (Mat. 23:23) ebomini bethu bobuKristu, sithi ngabanye nanjengosapho lwebandla? Uganayo imizekelo kumava wakho apho wawunokuba “[u]hluzo imbuzane, ke [u]ginye inkamela” (Mat. 23:24)?
3. Kutheni le nto ubuhanahanisi buthatyathwa njengesono esikhulu? Akungcono yini ukuzama ukubonakala kungathi siyakwenza okulungileyo?
4. Imbono kaThixo nemfesame ngakumahlwempu nabanentswelo, njengoko zivakaliswe ngejelo elingabaprofeti, zingayiguqula njani indlela olikhangela ngayo ihlabathi? Ungazifunda okanye ungaziva njani iindaba zasekuhlaleni ngendlela eyahlukileyo xa uthe wabona okanye weva ngamehlo neendlebe zomprofeti?

Isishwankathelo:

Ngexesha abaprofeti babekhathazeka bububi obuselizweni, babeqwalasele ngokukodwa kububi obenziwa ngabantu ngoThixo ababezibiza nabanqula uThixo njengowabo. Kubaprofeti nakuYesu, ukunqula akuhambelani nobomi bentswelo-bulungisa, kwaye inkolo enjalo luhananiso. Unqulo lwenene alufunayo uThixo luquka ukusebenza ngokuchaseneyo nengcinezelo; lukhathalela amahlwempu nabanentswelo.